




Edolophini



ISIXHOSA

Vula Bula

Amagama amatsha amabawaqhele

ibomvu

yindlu

cwaka

Izandi (ukuqwelasela kwakhona)

bh, dl, gc, gq, kh, kw, lw, mb, mp, nc, nd, ng, nk, nt, ny, nz, ph, rh, sh, th

Izandi

ncw (yeencwadi, unoncwadi, iincwadi)

ngq (nonengqondo, uNgqika, angqine, ngingqi, ngqe, uyakungqala, ngqo)

nts (ndinguNontsikelelo, aphantsi, uNontsasa, ntsapho, iintsapho, ngentsimbi, intsumpa, ezantsi, lugintsika, nantsi, ntsasa)



Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko

Ipapashwe 2013 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy

Zisekwe kwimvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation



★★★★★ Edolophini

- Umhleli wothoho: **Jenny Katz**
- Abaqambi bamabali: **Jenny Katz noMirna Lawrence**
- Umsebenzi: **Jenny Katz**
- Incutshe kulwimi isiXhosa: **Nolitha Bikitsha**
- Umzekelisi: **Shayle Bester**
- Uyilo nongqaleko: **Resolution**



Creative Commons Attribution-
NonCommercial-NoDerivatives (CC
BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.



© 2013 Molteno Institute for Language and Literacy



ISBN 978-1-77580-153-5

Edolophini







Molo! Igama lam
ndinguNontsikelelo.
Ndingathanda
ukukubonisa
idolophu yam.



Esi, sisikolo sam
samabanga aphantsi.
UNkosazana uNontsasa
undifundisa ukufunda,
ukubhala nezibalo
kwibanga lesibini.
Ungumfundisi-ntsapho
onomonde nonengqondo.



Le, yicawe
ezikhonza kuyo
iintsapho zalapha.



Umfundisi uNgqika ungenisa
inkonzo ngentsimbi yethoba.
Usikhokela ngomthandazo,
ngamaculo, angqine
nangezibhalo. Ungumkhokeli
oluncedo kule ngingqi.



Sisikhululo
samapolisa esi.
Uyayibona intsumpa
yamapolisa?

Amapolisa asigcina
sikhuselekile.
Abamba abaphuli-
mthetho. Ayasinceda
naxa sixakekile.

Ubolumka! Iyabaleka
kakhulu imoto
yamapolisa!





Sikwisikhululo
sesicima-mlilo.
Ndithanda esa
sicimi-mlilo
sibomvu! Sineleli
ende. Sinethumbu
lamanzi elifikelelayo
ezantsi ukusuka
kwindawo ephezulu.

Abacimi-mlilo
bayakhalipha
ukusindisa abantu
ezingozini zomlilo.






Sisesibhedlele.
Uyasibona isithuthi-
ziguli? Sibalekisa
abantu abagulayo
nabonzakeleyo
esibhedlele.



Abongikazi
bancedisana
noogqirha
ukusinyanga.
Andilithandi iyeza.
Isitofu sona,
ndibaleka ngqe!





Le yindlu
yeencwadi.
Yindawo
ethule cwaka.



Unoncwadi usincedisa
ukukhangela iincwadi aze
asiboleke ukuze sizifunde
ekhaya. Ulwazi luyintsika
yokuphila ebomini.




Selifikile na ixesha
lokugoduka?
Ndiphe idilesi yakho.
Nantsi iposi.
Ndakuyiposa kule
bhokisi ibomvu ileta
yakho. Eleke ntsasa,
ndakulindela evela
kuwe ileta. Unoposi,
uyakungqala ngqo kule
dilesi. Nantsi eyam.

Ndingathanda nam
ukuyibona eyakho
idolophu ngenye imini!

Umsebenzi


Ngubani osebenza kule ndawo? Yelelisa indawo nomntu osebenzayo kuyo.



isibhedlele



ipolisakazi



icawe



umfundisi-ntsapho



isikhululo
sesicima-mlilo



umongikazi



isikhululo samapolisa



umfundisi



isikolo



umcimi-mlilo

I-Vula Bula yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.



INQANABA loku- ★ (8)

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

INQANABA lesi- ★★ (7)

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

INQANABA lesi- ★★★ (6)

Ncedani!
Yophukile ifestile
Uphi uZinzi?
Sityiwe isonka
Sidlala undize
Izinyo

INQANABA lesi- ★★★★ (5)

Evenkileni yempahla
Umnqathe omkhulukazi
Ibali lobugqji
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

INQANABA lesi- ★★★★★ (6)

Idabi lomoya nelanga
Umvundlanofudo
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
UMzantsi Afrika ngowethu

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhwiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

ISIXHOSA